

It starts with a story...

You can read anywhere!

May is Get-Caught-Reading Month! It's the month when we remind ourselves and others that reading is part of our daily lives. Reading for pleasure is something we can do anywhere and anytime!

Here are some ideas that communicate the "reading is part of our lives" message for you to try out this May.

1. Spend just 15 minutes a day reading storybooks aloud to your children. Make it a relaxed and enjoyable time. When your children realise that stories can be found in books, they will try to read for themselves. Good readers at school are often the children who read at home with family and friends.
2. Many parents and grandparents set aside a special time every day to read to their children or grandchildren. They

often choose to do this at bedtime, but some children may find it easier to concentrate at other times of the day. This month, try reading together at different times of the day, as well as at your usual time. For example, you could try reading to your children when you get home from work, after bath time, immediately after supper, or first thing after you wake up over a weekend!

3. Where do you usually read? What is the most unusual place you can think of to enjoy a book? This month try reading to your children in different places. Read to them on the way to school in the taxi or bus, or when they are in the bath. Over a weekend, when you have more time, go for a walk together in a park, at the beach or in the mountains, and take some books and a blanket with you. As you walk along, look out for a nice reading spot – then settle down on the blanket, relax and read!

4. Weave books and reading into the everyday conversations you have with friends, family and work colleagues. Start the conversation by talking about a book that you are enjoying at the moment or have enjoyed before. Then invite others to talk about what they are reading at the moment or have read recently.

5. The easiest way to encourage others to read, is simply by being a reading role model yourself – when you regularly read for enjoyment, you show others that reading is a worthwhile leisure activity. So, this May don't forget to get caught reading!

Let's use this month to encourage others to connect or reconnect with reading – whether that means reading a novel, a picture book, a biography, poetry, a blog, or just their favourite magazine or the sports pages in the newspaper!

Unokufunda naphi na!

Inyanga kaCanzibe yiNyanga yokuBhaqwa uFunda! Yinyanga esizikhumbuza ngayo thina nabanye ukuba ukufunda yinxalenye yobomi bethu bemihla ngemihla. Ukufundela ukuzonwabisa yinto esinokuyenza naphi futhi nanini na!

Nazi ezinye izimvo eziqulethe umyalezo wokuba "ukufunda yinxalenye yobomi bethu" ukuze ukuzame oku kule kaCanzibe.

1. Chitha imizuzu eli-15 nje ngosuku ufundela abantwana bakho iincwadi zamabali ngokuvakalayo. Lenze ukuba eli xesha libe lelukuphumla nelokuzonwabisa. Xa abantwana bakho sebekuqonda ukuba amabali ayafumaneka ezincwadini, baya kuzama ukuzifundela ngokwabo. Abafundi abachebelezayo xa befunda esikolweni bakholisa ukuba ngabantwana abafundayo ekhaya nosapho kunye nabahlobo.
2. Abazali nookhulu abaninzi banika abantwana okanye abazukulwana babo ixesha elilodwa yonke imihla. Kaninzi bakhetha ukukwenza oku ngexesha lokuya kulala, kodwa abanye abantwana bangaziva bekwazi ukuzikisa iingqondo ngamanye amaxesha emini. Kule nyanga, zama ukuba nifunde kunye ngamaxesha ahlukahlukileyo ngemini, nangexesha lenu lesiqhelo. Umzekelo, ungazama ukufundela abantwana bakho xa ufika ekhaya uvela emsebenzini, emva kwexesha lokuhlamba, kwangoko emva kwesidlo sangokuhlwa, okanye kube yinto yokuqala nakuba nivukile ngeempelaveki!
3. Niqhele ukufunda phi? Yeyiphi eyona ndawo ingaqhelekanga kakhulu oyicingayo onokonwabela incwadi yakho kuyo? Kule nyanga zama ukufundela abantwana bakho kwiindawo ezahluka-hlukileyo. Bafundele endleleni eya esikolweni etekisini okanye ebhasini, okanye xa bevasa. Ngempelaveki, xa ninexesha elithe kratya, hamba-hambani epakini, ngaselwandle

okanye ezintabeni, nibe neencwadi enizithathayo kunye nengubo. Xa nihamba-hamba, khethani indawo efanelekileyo yokufunda – hlalani ke ngoko phezu kwengubo, khululekani nifunde!

4. Xubani iincwadi nokufunda kwiincoko zayo yonke imihla nabahlobo bakho, usapho noogxa bakho emsebenzini. Qalani incoko ngokuthetha ngencwadi eniyonwabela ngelo xesha okanye enikhe nayonwabela ngaphambili. Emva koko memani abanye ukuba bathethe ngencwadi abayifunda ngelo xesha okanye abayifunde kutshanje.
5. Eyona ndlela ilula yokukhuthaza abanye ukuba bafunde, kukuba wena ngokwakho ube ngumzekelo wokufunda – xa ufundela ukuzonwabisa, ubonisa abanye ukuba ukufunda sisenzo esifanelekileyo sokuchiitha ixesha. Ngoko ke, ngale nyanga kaCanzibe uze ungalibali ukubhaqwa ufunda!

Le nyanga masiyisebenzisele ukukhuthaza abanye ukuba bazinxulumanise okanye baphinde bazinxulumanise nokufunda – nokuba oko kuthetha ukufunda inoveli, incwadi yemifanekiso, incwadi ngobomi bomntu, ibhlogi ekhompuyutheni, okanye oyena lindixesha weendaba abamthanda kakhulu okanye amaphepha ezemidlalo kwiphephandaba!



Drive your imagination

Join us. Be a literacy role model.
Sijoyineni. Yibani yimizekelo emihle
yokufunda nokubhala.



Reading club corner

There are lots of days to celebrate in May. Rather than trying to focus on all of them, you could choose one or two and then plan reading club activities around them. Here are some ideas.

May	Get-Caught-Reading Month
6 May	World Laughter Day
13 May	Mother's Day
15 May	International Day of Families
16 May	Biographer's Day
25 May	Africa Day



- World Laughter Day (6 May):** In the week before World Laughter Day, encourage the children to find or make up their own jokes. Then, at the reading club meeting closest to World Laughter Day, invite them to tell their jokes to the group. Provide paper and crayons or pencil crayons, and let them write down their joke and draw a picture to go with it. Display all the jokes and encourage the children to read them over the next few weeks.
- Mother's Day (13 May):** At a reading club session before 13 May, let the children make Mother's Day cards to give to their mothers or the mother-figures in their lives. They could design their own cards or use the card template on page 3. On the day closest to Mother's Day, read the special Mother's Day story (*Mom's best vase*) on pages 13 and 15, and do the suggested activities on page 4.
- International Day of Families (15 May):** Invite the parents, grandparents, siblings and other family members of the reading club children to join you at the reading club session closest to 15 May. Read or tell a story about the importance of families to everyone and then invite family members to spend time reading stories and looking at books together.
- Biographer's Day (16 May):** Explain to the children that a biography is a book written by an author about someone else's life. (In the 2017 supplements, we featured two biographies: *Singing the truth* about Miriam Makeba and *Graça's dream* about Graça Machel.) Encourage the children to write their own biographies about a family or community member that they find interesting.
- Africa Day (25 May):** Read and tell stories, say poems and sing songs that have some connection to Africa! The stories, poems and songs could be about Africa, come from somewhere in Africa, or be created by someone who was born in Africa.



Ikona yeklabhu yokufunda

Zininzi iintsuku ezibhiyozelwa kwinyanga kaCanzibe. Endaweni yokujolisa kuzo zonke, unokukhetha lube lunye okanye zibe mbini wandule ukwenza isicwangciso semisebenzi yeklabhu yokufunda esekwe kuzo. Nazi ezinye zezimvo.

UCanzibe	Inyanga yokuBhaqwa uFunda
kowe-6 kuCanzibe	USuku lweHlabathi lokuHleka
kowe-13 kuCanzibe	USuku lukaMama
kowe-15 kuCanzibe	USuku lweZizwe ngeZizwe lweeNtsapho
kowe-16 kuCanzibe	USuku lokuBhalwe ngoBomi bomNtu
kowama-25 kuCanzibe	USuku lweAfrika



- USuku lweHlabathi lokuHleka (kowe-6 kuCanzibe):** Kwiveki ephambi koSuku lweHlabathi lokuHleka, khuthaza abantwana ukuba bafumanise okanye baqambe iziqhulo ezizezabo. Emva koko, kwintlanganiso yeklabhu yokufunda eyiyona isondele kuSuku lweHlabathi lokuHleka, bacele ukuba bahlekise iqela elo ngeziqhulo. Banike iphepha neekhrayoni okanye iikhrayoni zepenisile, ukuze umntu abhale isiqhulo sakhe azobe nomfanekiso ohambelana naso. Beka zonke iziqhulo elubala uze ukhuthaze abantwana ukuba bazifunde kwiiveki ezilandelayo ezimbalwa.
- USuku lukaMama (kowe-13 kuCanzibe):** Kwithuba lokufunda leklabhu phambi kowe-13 kuCanzibe, abantwana mabenze iikhadi zoSuku lukaMama ukuze banike oomama babo okanye abantu abamele umama ebomini babo. Banokwenza iikhadi ezizezabo okanye basebenzise umfuziselo wekhadi okwiphepha le-3. Ngosuku olusondele kakhulu kuSuku lukaMama, funda ibali elilodwa ngoSuku lukaMama (*Eyona vazi ithandwa nguMama*) kwiphepha le-14 nele-15, ukuze nenze imisetyenzana ecetyiswa kwiphepha le-4.
- USuku lweZizwe ngeZizwe lweeNtsapho (kowe-15 kuCanzibe):** Mema abazali, ookhulu, izalamane kunye namanye amalungu eentsapho zabantwana beklabhu yokufunda ukuba bakujoyine ngethuba lokufunda leklabhu elilona lisondele kakhulu kowe-15 kuCanzibe. Funda okanye ubalise ibali ngokubaluleka kweentsapho kuye wonke umntu uze umeme amalungu eentsapho ukuba achithe ixesha efunda amabali futhi ebuka iincwadi kunye.
- USuku lokuBhalwe ngoBomi bomNtu (kowe-16 kuCanzibe):** Chazela abantwana ukuba incwadi ebhalwe ngobomi bomntu yincwadi ebhalwe ngumbhali ngobomi bomnye umntu. (Kwiintlelo zonyaka wama-2017, sikhuphe iincwadi ezimbini ngobomi babantu: *Ukucula inyaniso* ngoMiriam Makeba nethi *Iphupha likaGraça* ngoGraça Machel.) Khuthaza abantwana ukuba babhale amabali ngamalungu eentsapho zabo okanye ngelungu loluntu abalibona litsala umdla.
- USuku lweAfrika (kowama-25 kuCanzibe):** Funda uphinde ubalise amabali, cengceleza imibongo ucule iingoma ezinento eziyithetha ngeAfrika! Amabali, imibongo neengoma zinokuba malunga neAfrika, zibuye kwindawo ethile eAfrika okanye ziqanjwe ngumntu ozalelwe eAfrika.

NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!



- Ikwewezi FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.
- Lesedi FM** on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.
- Ligwalagwala FM** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.
- Munghana Lonene FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.
- Phalaphala FM** on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.
- RSG** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.
- SAfm** on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.
- Thobela FM** on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.
- Ukhozi FM** on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.
- Umhlobo Wenene FM** on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.
- X-K FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.
- Motsweding FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.30 a.m.

UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umelele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

- KuIkwewezi FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.
- KuLesedi FM** ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.
- KuLigwalagwala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.
- KuMunghana Lonene FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.
- KuPhalaphala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.
- KuRSG** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.
- KuSAfm** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.
- KuThobela FM** ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.
- KuUkhozi FM** ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.
- KuUmhlobo Wenene FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.
- KuX-K FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.
- KuMotsweding FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngentsimbi ye-9.30 kusasa.

Celebrate our mothers!

Each year on the second Sunday in May, we celebrate how important mothers are in our lives. Follow the instructions below to make a Mother's Day card for your mother or the person who is like a mother to you.

Make a Mother's Day card



1. Cut out the hearts by cutting along the red lines.
2. Fold the hearts along the black dotted line.
3. Glue the two parts together.
4. On one side, draw a picture of you and the person you will give the card to.
5. Write your message to her on the other side. Remember to write your name at the end of your message.

Sibhiyozela oomama bethu!

Ngonyaka ngamnye kwiCawa yesibini kuCanzibe, sibhiyozela indlela ababaluleke ngayo oomama ebomini bethu. Landela imiyalelo engezantsi ngokwenza ikhadi yoSuku lukaMama wenzele umama wakho okanye umntu onjengomama kuwe.


Yenza ikhadi yoSuku lukaMama

1. Sika ukhuphe iintliziyo ngokulandela imigca ebomvu.
2. Songa iintliziyo phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Ncamathelisa kunye amacala amabini.
4. Kwelinye icala, zoba umfanekiso wakho nowomntu oza kumnika ikhadi.
5. Mbhalele umyalezo wakho kwelinye icala. Khumbula ukubhala igama lakho ekupheleni komyalezo wakho.



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *The lost laugh* (pages 7 to 10), and email it to team@bookdash.org, or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali, elithi, *Ukuhleka okulahlekileyo* (kwiphepha le-7 ukuya kwele-10), uze ulithumele ngeimeyili ku-team@bookdash.org, okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoqagamshelwano.



Drive your imagination



Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *Thoko and a dog called Hope* (pages 5, 6, 11 and 12) and *The lost laugh* (pages 7, 8, 9 and 10), as well as the Story Corner story, *Mom's best vase* (pages 13 and 15). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.



Thoko and a dog called Hope

One day Thoko climbs up onto the shed in her backyard to look into her neighbours' backyards and she sees a neighbour being cruel to his dog. Thoko is very upset, but her art teacher helps her to sort out the problem.



- ✿ After you have finished reading the story, discuss the following questions together. Encourage your children to suggest reasons for their opinions.
 - ☉ What do you think of the way Thoko's neighbour was treating his dog?
 - ☉ Why do you think Mama and Gogo didn't do anything to help the dog next door?
 - ☉ If you saw someone treating an animal badly, what would you do? Who could you tell? If they didn't listen to you, what else could you do?
 - ☉ Do you think we should care about how the people around us treat other people and animals? Why or why not?
- ✿ Ask your children to think about what picture Thoko might have drawn of Hope at the end of the story and then suggest that they draw this picture.

The lost laugh

In this story, Spotty, the hyena, has lost his laugh. How did this happen? Where could it be? And can the other animals help him find it?



Write a review of this story and stand a chance of winning some books! See page 3 for details.

- ✿ As you read the book, discuss the story and pictures with your children. For example:
 - ☉ **Pages 2 and 3:** Why do you think the hyena's name is Spotty?
 - ☉ **Pages 4 and 5:** What part of the giraffe's body do you think this is? Why can't we see the rest of Giraffe's body?
 - ☉ **Pages 6 and 7:** Where is Hippo? What do you think she is doing?
 - ☉ **Pages 14 and 15:** How do you think Spotty knows that he will never lose his laugh again? Could you lose your laugh?
- ✿ Suggest that your children use paper plates, glue and recycled materials to make hyena masks.

Mom's best vase

Mother's Day story

Ashley and Ben have thought of a lovely surprise for Mother's Day ... except it turns into a disaster when their mother's favourite vase breaks! But, luckily Ashley's skill at doing jigsaw puzzles saves the day.



- ✿ Encourage your children to create pictures of a vase using small pieces of paper. Ask them to draw the outline of a vase with a thick koki or crayon on a large sheet of paper. Then let them take some pictures out of old magazines or newspapers and tear them up into small pieces of about 10 mm x 10 mm each. Show your children how to glue the small pieces of paper closely together inside the outline of the vase to complete their pictures.
- ✿ Have you ever tried to do something nice for someone else, but things did not go according to plan? Share your stories about what happened with your children.

Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso zokusebenzisa iincwadi zemifanekiso ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine ezithi, *UThoko nenja egama linguThemba* (okwiphepha le-5, ele-6, ele-11 nele-12) kunye no*Ukuhleka okulahlekileyo*, (okwiphepha le-7, ele-8, ele-9 nele-10), kwakunye neballi leNdawo yamabali elithi, *Eyona vazi ithandwa nguMama* (okwiphepha le-14 nele-15). Khetha ezo mbono zihambelana nobudala kunye nemidla yabantwana bakho.

UThoko nenja egama linguThemba

Ngenye imini uThoko ukhwela eshedini esemva kwendlu kowabo ukuze ajonge kwiyadi zasemva zabamelwane aze abone ummelwane ekhohlakalelainja yakhe. UThoko ukhathazeke kakhulu, kodwa utitshala wakhe wezobugcisa uyamncedisa ukuba ayisombulule loo ngxaki.

- ✿ Emva kokuba nigqibile ukufunda ibali, xoxani ngemibuzo elandelayo kunye. Khuthaza abantwana bakho ukuba bacinge ngezizathu malunga nezimvo zabo.
 - ☉ Nicinga ntoni ngendlela ummelwane kaThoko awayephethe ngayoinja yakhe?
 - ☉ Nicinga ukuba uMama noMakhulu zange benze nto ukuncedainja yommelwane?
 - ☉ Xa unokubona umntu ephethe isilwanyana sakhe kakubi, ungenza ntoni? Ubunokuxelela bani? Xa bengakumameli, yeyiphi enye into onokuyenza?
 - ☉ Nicinga ukuba sifanele ukukhathala ngendlela abantu abasingqongileyo abaphatha abanye nezilwanyana ngayo? Kutheni okanye kutheni kungenjalo?
- ✿ Cela abantwana bakho ukuba bacinge ngomfanekiso onokuba uzotywe nguThoko ngoThemba ekupheleni kwebali uze ubacele ukuba bazobe lo mfanekiso.

Ukuhleka okulahlekileyo

Kweli bali, uMachaphaza, ingcuka, ulahlekelwe kukuhleka. Kwenzeke njani oku? Ingaba kuphi? Ingaba ezinye izilwanyana zingamnceda ukuba akufumane?

Bhala uphengululo lweli bali ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi ezithile! Jonga iphepha le-3 malunga neenkukacha.

- ✿ Xa nifunda incwadi, xoxani ngebali nangemifanekiso nabantwana bakho. Umzekelo:
 - ☉ **Iphepha le-2 nele-3:** Nicinga ukuba kutheni igama lengcuka linguMachaphaza?
 - ☉ **Iphepha le-4 nele-5:** Yeyiphi indawo yomzimba wendlulamthi ocinga ukuba yiyo le? Kutheni singaziboni ezinye iindawo zomzimba kaNdulamthi?
 - ☉ **Iphepha le-6 nele-7:** Uphi uMvubu? Ucinga ukuba wenza ntoni?
 - ☉ **Iphepha le-14 nele-15:** Nicinga ukuba uMachaphaza wazi njani ukuba akasayi kuphinda alahlekelwe kukuhleka kwakhe kwakhona? Nina beningalahlekelwa kukuhleka kwenu?
- ✿ Cela abantwana bakho ukuba basebenzise iipleyiti zamaphepha, iglu nezinto ezihlaziyweyo ukwenza izigqibuthelo zeengcuka.

Eyona vazi ithandwa nguMama



Ibali ngoSuku lukaMama

UAshley noBen bacinge ngommangaliso othandekayo woSuku lukaMama ... ngaphandle kwentlekele eyenzeke xa eyona vazi ithandwa ngumama wabo isaphuka! Kodwa, ngethamsanqa isakhono sobuchule sikaAshley sokudibanisa amaqhekeza eephazili siyabanceda.

- ✿ Khuthaza abantwana bakho ukuba bazobe imifanekiso yeevazi ngokusebenzisa amasuntswana amaphepha. Bacele ukuba bazobe umda ongumphandle wevazi ngekoki etyebileyo okanye ngekhrayoni ephepheni elikhulu. Emva koko mabasike bakhuphe umfanekiso koolindixesha beendaba nakumaphephandaba amadala baze bayikrazule ibe ziziqwengana ezincinane ezibukhulu bumalunga ne-10 mm x 10 mm sisinye. Bonisa abantwana bakho indlela yokufaka iglu kwiziqwengana ezincinane zephepha ukuze zayamane ngaphakathi komda ongumphandle wevazi ukuze baqoshelise imifanekiso yabo.
- ✿ Wakhe wazama ukwenzela omnye umntu into entle, kodwa ufumanise ukuba izinto aziqhubanga ngokwesicwangciso? Balisela abantwana bakho amabali akho ngezinto ezenzekayo.

Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.

“But Mama says it is not our business,” Thoko explained.

“I understand what your Mama means,” said Belinda. “But animals can’t talk, so we must make sure that they do not suffer.” Thoko looked at her picture and tears came to her eyes. “Listen, Thoko,” said Belinda, “I’ll talk to Mama and Gogo about it. There must be something we can do for the poor animal.”

And there was.

Belinda explained to Mama that the Animal Rescue Service sends an officer to rescue dogs who are mistreated.

“Rescued dogs are fed and kept safely in kennels until someone who really loves dogs gives them a home,” explained Belinda.

But Mama was still worried. “What if the man finds out that we told the Animal Rescue people about his dog? He looks very nasty.”

“Don’t worry about that. The Animal Rescue team don’t tell bad people the names of good people who have reported them.”

“Kodwa uMama uhi asiyongxaki yam lena,” wachaza uThoko.

“Ndiyayigonda into ayithethayo uMama,” watsho uBelinda. “Kodwa izilwanyana azikwazi ukuthetha, ngoko kufuneka sigqinisekise ukuba azihlupheki.”

“Mamela, Thoko,” watsho uBelinda, “Ndiza kuthetha noMama noMakhulu ngayo. Kufanele ukuba ibekhona into esinokuyenza ukusindisa usizama lwesilwanyana.”

Kwaye ke, yayikhona.

UBelinda wachazela uMama ukuba indawo yeNkonzo zokuHlangula izilwanyana iye ithumele abasebenzi bayo ukuba bahlangule izilwanyana eziphethwe kakubi.

“Izinja ezihlangulileyo ziyatyiwa zigcinwe ezindlwini zezinja ezikhuselekileyo de kubekho umntu othanda izinja ofuna ukuziphahla ikhaya,” wachaza njalo uBelinda.

Kodwa uMama wayesaxhalabile. “Kuza kwenzeka ntoni ukuba la ndoda ingafumanisa ukuba sixelele abomzi weNkonzo zoHlangulo lweZilwanyana ngenja yakhe? Ukhangeleka engumntu okhohlakeleyo.”

“Musa ukuxhalatyiswa yiloo nto. Iqela labezoHlangulo lweZilwanyana ababaxeleli abantu ababi amagama abantu abalungileyo abathe babachazela ngeshlo esibi.”



We publish what we like

Eli bali libhalwe nguNiki Daly livela kuHalala! Thoko opapashwe yiJacana Media nofumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-www.jacana.co.za. UHalala! Thoko ufumaneka ngesiNgesi, isiAfrikansi, isiXhosa nangesiZulu. IJacana ipapasha iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-www.jacana.co.za.

This story written by Niki Daly is from *Hooray! Thoko*, published by Jacana Media and available in bookstores and online from www.jacana.co.za. *Hooray! Thoko* is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

© Jacana Media (World rights) Tel: 011 628 3200

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



UThoko nenja egama linguThemba

Thoko and a dog called Hope



Libali likaNiki Daly
Story by Niki Daly

Liguqulelwe nguXolisa Guzula
Translated by Xolisa Guzula



When winter came, the dog with no name lay on wet cement. It didn't even have energy to bark anymore. Thoko wondered how anyone could be so cruel as the neighbour who shouted at it, kicked it, and called it "Brak".

But it was no use talking to Mama or Gogo. Whenever she told them what she saw, they said, "Thoko, it is not our business."

Still, Thoko could not forget about the old dog. At art class she drew a picture of the poor animal. When Belinda asked about her picture, Thoko told the story of the dog with no name. "People are not allowed to be cruel to animals," Thoko," said Belinda.

ngenja engagama.
Kwiveki elandelayo, ibhaki ebhalwe "INkonzo zoHlangulo lweZilwanyana" yemisa ngaphandle kwendlu yomelwane okhohlakelayo. Kwaphuma kuyo indoda enkulu enxibe iyunitomu yaya kunyango wangaphambili.

"Hamba uyokujonga into eqhubekayo ngenwa, Thoko," wasabeza uMakhulu.

"Uqinisekile?" wabuza uMakhulu.
"Ndiqinisekile," watsho uBelinda. "Musa ukubanexhala."
Ngoko kwagqitywa ekubeni uBelinda uza kuxelela abeNkonzo zoHlangulo lweZilwanyana



Ngemva eyadini yakuloThoko kukho indlwana encinane uThoko athanda ukukhwela kuyo. Phezulu phaya, uThoko ebekwazi ukujonga kwimiva yeeyadi zabamelwane ukusukela emaphahleni. Ngemva eyadini yendlu yommelwane omtsha, uThoko uqapheleinja ebotshelwe ekreyitini ngentambo.




From the kitchen, Mama and Gogo saw the rescue man gently place the dog with no name into the back of the bakkie. No sooner had they gone, when the police arrived.

Inside the house, they found stolen computers and arrested the nasty neighbour.

"Well, I'm glad that's the end of that!" sighed Gogo. But it wasn't quite the end ...

Belinda adopted the old dog with no name and called her Hope.

On some Saturdays Belinda takes Hope to the art centre where the children get to see how well she is looking. And Hope always goes to Thoko first.



“Please help me find my laugh, Monkey,”
 said Spotty.
 “How did you lose it?” asked Monkey.
 “When I laugh, you can see my big teeth.
 That makes everyone frightened,” said Spotty.
 “Then I got sad and my laugh just disappeared.
 I can’t find it anywhere.”

“Ndiccede ndiphinde ndifumane ukuhleka
 kwam, Nkawu,” watsho uMachaphaza.
 “Kulahleke njani?” wabuza uNkawu.
 “Ka ndihleka, ayabonakala amazinyo am
 amakhulu. Oko kothusa wonke umntu,” watsho
 uMachaphaza. “Ndasuka ke ngoko ndaba
 lusizi kwasuka kwanyamalala ukuhleka kwam.
 Andikufumani naphi na.”

Ukuhleka okulahlekileyo The lost laugh

*Karen Lilje
 Michelle Preen
 Wilna Combrinck*




Lots more free books at bookdash.org

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi





“Please help me find my laugh,
Hippo,” said Spotty.
“I can’t hear a laugh down here,”
said Hippo.



“Kodwa ubukukhangela
endaweni engatanelkanga,”
watsho uNkawu engcileza
ephuma emthini ukuze achole
usiba. Wagala wanyumbaza
uMachaphaza kuyo yonke indawo.

UMachaphaza, ingcuka, wayelusizi kakhulu.
Wayelahlekelwe kukuhleka kwakhe.



“His laugh was inside him all the time.
I just made him happy and out it came,”
explained Monkey.

They all laughed and laughed so that
their teeth showed too.

“I’ll never lose my laugh again,” said
Spotty, the happy hyena.





“But you were looking in the wrong place,” said Monkey as she hopped out of the tree and picked up a feather. Then she began to tickle Spotty all over.



“Ndingcede ndiphinde ndifumane ukuhleka kwam, Mvubu,” watsho uMachaphaza. “Akukho kuhleka ndikuvayo ezantsi apha,” watsho uMvubu.

“Ukuhleka kwakhe bekusoloko kungaphakathi kuye ngalo lonke ixesha. Ndithe ndakumvuyisa kwaphumela ngaphandle,” wachaza uNkawu.

Basuka bahleka, bahleka bonke kwade kwabonakala amazinyo abo.

“Andisayi kuphinda ndilahlekelwe kukuhleka kwam kwakhona,” watsho uMachaphaza, ingcuka eyonwabileyo.

Spotty, the hyena, was very sad. He had lost his laugh.





“Please help me find my laugh,
Giraffe,” he asked.
“I can’t hear a laugh up here,”
said Giraffe.

“Ndincedede ndiphinde ndifumane
ukuhleka kwam, Ndlulamthi,” wacela.
“Akukho kuhleka ndikuvayo phezulu
apha,” watsho uNdlulamthi.



Engangxamanga
uMachaphaza waqala
wancuma, waze wayekelela
ukuhleka okukhulu nokuvakala
kakhulu. Wahleka wahleka wade
wazibhuqabhuqa emhlabeni.
Zonke nezinye izilwanyana zasuka
zahleka nazo. “Ukufumene phi ukuhleka
kwakhe?” zabuza.

Slowly Spotty started smiling, and then
he let out a big, loud laugh. He laughed and
laughed until he was rolling around on
the ground.

All the other animals started laughing too.
“Where did you find his laugh?” they asked.





“Are you sure?” asked Gogo.
 “I’m sure,” said Belinda. “Don’t worry.”
 So it was decided that Belinda would let the
 Animal Rescue Services know about the dog with
 no name.
 The following week, a bakkie with “Animal
 Rescue Services” written on it stopped outside the
 nasty neighbour’s house. A big man in a uniform
 got out
 and went
 up to the
 neighbour’s
 front door.
 “Go and
 see what’s
 happening
 around
 the back,
 Thoko,”
 whispered
 Gogo.

Buthe bakufika ubusika,inja engenagama
 yalala esamenteni emanzi. Yayingasenamandla
 okukhonkotha konke konke. UThoko wayezibuza
 ukuba yenzeka njani na into yokuba umntu
 akhohlakale kangaka.
 Kodwa yayingelo ncedo into yokuthetha
 noMama noMakhulu. Babesthi qho xa ebaxela
 into ayibonileyo, “Thoko, ayikufuni?”
 Kwiklasi yobugcisa uThoko wazoba
 umfanekiso wosizana lwesilwanyana.
 UThoko wayengakwazi ukulibala ngenja
 endala. Wathi xa uBelinda ebuza ngomfanekiso,
 uThoko wambaliseka ngenja engenagama.
 “Akuvumelekanga ukuba abantu
 bazikhohlakalele izilwanyana, Thoko,” watsho
 uBelinda.



In Thoko’s backyard stood a small pondok
 that Thoko loved to climb onto. From high
 up, Thoko could look into the neighbours’
 backyards. In the new neighbour’s backyard,
 Thoko noticed a dog, tied to a packing case
 with a bit of rope.




Ekhitshini, uMama noMakhulu bayibona indoda
 engumhlanguli ifakainja engenagama ngemva
 ebhakini ngononophelo. Emva kokuba ehambile,
 athi galakaza amapolisa.

Ngaphakathi endlwini, afumana iikhompyutha
 ezibiweyo aze ayibamba indoda ekhohlakeleyo.

“Heke, ndiyavuya ukuba ifikele esiphelweni le
 ndaba!” waphefumlela phezulu uMakhulu. Kodwa ke,
 yayingekafikeleli esiphelweni ncam ...

UBelinda wayithathainja endala engenagama, waze
 wayithiya igama elinguThemba.

Ngeminye iMigqibelo uBelinda uya noThemba
 emzini wezobugcisa apho abantwana babonayo indlela
 akhangeleka ngayo kakuhle. UThemba usoloko esiya
 kuThoko kuqala.





She also noticed that when the old dog barked, a man would come out of the house and shout, "Shut up, Brak!" It didn't even seem to have a proper name. And if it didn't stop barking, the man would give it a kick. Its bony body looked like an old brown sack with holes in it. The skin around its neck where the rope was tied looked raw. Thoko didn't like what she saw.

When she told Mama and Gogo about the poor animal, Mama said, "Thoko, you shouldn't be spying on neighbours."

"I agree," said Gogo. "It's better to mind your own business."

But Thoko felt sorry for the old dog with no name.



Ngemva, uThoko wayebona futhi eyiva into eqhubekayo.

"Uyabona?" watsho ummelwane, ezama kuzenza mhle, "Ndiyayiphainja yam amanzi yaye inendawo yayo yokulala." Indoda engumhlanguli yagoba yaze yaphulula umzimba wenja engamathambo.

"Leinja ibiphethwe kakubi yaye iyalamba. Ndiza kuhamba nayo ndiyokuyinakekela," watsho. "Kwaye ndiza kwazisa amapolisa ngezi bhokisi ndizibonileyo apaha kwakho."

"Uthetha ukuthini?" yagragrama le ndoda ngezizwi elikhohlakeleyo. "Eza bhokisi zigcwele impahla zam ezindala."

"Impahla ezindala kwibhokisi ezintsha zekhompyutha?" yatsho indoda engumhlanguli. "Andiqondi njalo!"



Uqaphela nokuba xa leinja indala ikhonkotha, kubakho utata ophumayo endlwini akhwaze, "Thula, Brak!" Yayingakhangeleki inegama elililo.

Kwaye xa ingayeki ukukhonkotha, lo tata wayeyikhaba.

Isikhumba sayo entanyeni, apho ibotshelelwe ngentambo khona sasikhangeleka sityabukile. UThoko wayengayithandi into awayeyibona.

Wathi akuxelela uMama noMakhulu ngosizana lwesilwanyana, uMama wathi, "Thoko, akufanelanga ukuba ube yintlole kubamelwane bethu."

"Nam ndiyavuma," watsho uMakhulu. "Kungcono ukuba uhoye izinto zakho."

Kodwa uThoko wayeyisizelainja.

Around the back Thoko could see and hear what was going on.

"See?" said the neighbour, trying to sound nice, "I give my dog water and she has her own place to sleep." The rescue man bent down and felt the dog's bony body.

"This dog has been badly treated and is starving. I'm taking her with me to look after," he said. "And I will also let the police know about the boxes I've seen in your house."


"What do you mean?" growled the man in his nasty voice. "Those boxes are filled with my old clothes."

"Old clothes in new computer boxes?" said the rescue man. "I don't think so!"



Mom's best vase

By Helen Brain ✨ Illustrations by Heidel Dedekind



Ashley was busy doing a jigsaw puzzle when her big brother, Ben, came into the lounge.

"Tomorrow is Mother's Day," he said. "We should do something very special for Mom. Will you help me?"

Ashley clapped her hands. "Ooh yes, Ben. Are we going shopping?"

"No, I've already bought her a present. Do you want to come and see?"

Ashley followed her brother into the garage. On the bench, hidden under a sheet, was a beautiful wooden shelf in the shape of a heart.

"I thought we could paint it blue," Ben said.

"Ooh yes," Ashley said. "Blue is Mom's favourite colour. She's going to love her present."

Ben found two paintbrushes, and some sandpaper, and they got to work. First they sanded the shelf, then they painted a white undercoat and lastly they painted it a glossy bright blue. The shelf was beautiful.



"What are you two doing in there?" Mom asked when she came home from shopping.

"Nothing! Go away!" called Ben.

"It's a surprise," giggled Ashley.

That afternoon Mom went to the hair salon.

"Quick, Ashley," called Ben, "it's time to put up the shelf. Can you hold the screws and the screwdriver for me while I drill the holes in the wall? Don't lose the screws. I don't have any more."

Ashley held the screwdriver and screws tightly while Ben measured where the shelf would go on the wall. Then she blocked her ears while he drilled three holes.

"There we go," said Ben. "Now pass me the first screw." Carefully he screwed the shelf to the wall. "Now pass me the other two screws, Ashley," he said.

But Ashley could find only one screw. The other one wasn't in her pocket. It wasn't on the floor, or behind the couch. It was gone. It was almost 5 o'clock. Mom would be home any minute.

"Never mind," said Ben. "This will do for now. I'll buy another one in the week."

"What shall we put on the shelf?" asked Ashley.



"I think Mom's best vase that her granny gave her," said Ben. "And her favourite candlesticks."

"And the trophy I won at school for being the best at reading?" Ashley asked.

"Definitely," said Ben. "And the photo of Mom and me and you when you were a baby. She loves that picture."

Carefully they arranged Mom's special things on the shelf. Then Ben spread the sheet over the shelf so it was hidden.

A few minutes later Mom came home. "Hello, hello," Mom called. "What have you two been up to?"

"It's a surprise," giggled Ashley, "and you're not allowed to see what's behind the sheet."

"I'm very excited," said Mom. "I'm sure it's something wonderful."

"Do you promise you won't peep?" asked Ashley at bedtime.

Her mother tucked her up and gave her a kiss and a hug. "You are my best girl. I promise I won't even lift the corner of the sheet."

It was almost morning when Ashley was woken by a loud crash. She jumped out of bed. Ben and Mom were standing in the lounge, staring at a terrible mess on the floor.

"Oh no," cried Ben, "the shelf fell off the wall."

"Oh no," cried Ashley, "Mom's Mother's Day present is ruined."

"Oh no," cried Mom, "my favourite vase is broken into little bits."

Everyone was upset. Mom sat on the couch and tried not to cry.

"We'll clean it up," said Ben. "Mom, you go back to bed."

"Happy Mother's Day," said Ashley sadly.



Ben got the broom and swept up all the pieces of Mom's favourite vase. He was very upset. "Mom's granny gave her that vase and now it's broken." And he tipped the pieces into the rubbish bin. "We'd better go back to sleep too," said Ben to Ashley. "It's not waking up time yet."

Ashley looked at the shelf lying on the floor. It had been such a lovely present. Now they had nothing to give Mom when she woke up.

Ashley peered inside the rubbish bin. All the pieces of Mom's vase were there. Maybe she could use some glue and mend it? She picked up the bin and ran out to the garage. There on the shelf was a big pot of glue. She spread some newspaper on the workbench and emptied out the bin. There were so many pieces! How was she supposed to know which ones went where?

✨ Continued on page 15.

UAshley wayexakeke ngokudibanisa amaqhekeza ephazili xa ubhuti wakhe, uBen, wayengena kwigumbi lokuphumla.

“Ngomso luSuku lukaMama,” watsho. “Masenzele uMama into yohlobo olulodwa kangangoko. Uza kundincedisa?”

UAshley waqhamba izandla zakhe. “Ewe kanene, Ben. Siza kuya ezivenkileni?”

“Hayi, sendisithengile isipho sakhe. Uyafuna ukundilandela ukuze usibone?”

UAshley walandela umntakwabo baya egaraji. Esitulweni eside, kwakufihlwe phantsi kweshiti, ishelufa entle yeplanga enemilo yentliziyo.

“Bendinga ukuba masiyipeyinte ngombala oblowu,” watsho uBen.

“Owu ewe,” watsho uAshley. “Umbala oblowu ngowona uthandwa ngumama. Uza kusithanda isipho sakhe.”

UBen wafumana iibrashi ezimbini zokupeyinta, kunye nephepha elirhwexa njengesanti, baqalisa ukusebenza. Baqale ngokukhuhla ishelufa ngephepha elirhwexayo, baze balipeyinta ngepeyinti esisandulela emhlophe bagqibela ngokulipeyinta ngombala oblowu oqaqambileyo nokhazimlayo. Yayintle loo shelufa.



“Nenza ntoni nina nobabini apho?” wabuza uMama xa wayefika evela ezivenkileni.

“Asenzi nto! Khawuhambe torho!” wakhwaza uBen.

“Ngummangaliso,” wagigitheka uAshley.

Ngaloo mva kwemini uMama waya kwisaluni yokulungisa iinwele.

“Khawuleza, Ashley,” wakhwaza uBen, “lifikile ixesha lokuxhoma ishelufa. Ungandibambela izikrufu nesikrudrayiva xa ndigqobhoza imingxuma edongeni? Ungazilahli izikrufu. Andinazo ezinye.”

UAshley wayesibambisisile isikrudrayiva nezikrufu xa uBen wayelinganisa indawo eza kuba kuyo ishelufa edongeni. Wasuka wavala iindlebe zakhe xa egqobhoza imingxuma emithathu umntakwabo.

“Kwaqal’ ukulunga,” watsho uBen. “Ngoku khawundigqithisele isikrufu sokuqala.” Wayinamathelisa ngocoselelo ishelufa ngezikrufu edongeni. “Khawundigqithisele ezinye izikrufu ezibini ngoku, Ashley,” watsho.

Kodwa uAshley wafumana isikrufu esinye kuphela. Esinye sasingekho epokothweni yakhe. Sasingawanga phantsi emgangathweni, futhi sasingekho nasemva kwesofa. Sasimkile. Ixesha lalisondele kwintsimbi ye-5. UMama wayenokubuya nangowuphi umzuzu ngoku.

“Ungakhathazeki,” watsho uBen. “Okwangoku kusalungile oku. Ndiza kuthenga esinye phakathi evekini.”

“Siza kubeka ntoni eshelufini?” wabuza uAshley.



“Ndinga ukuba masibeke eyona vazi ithandwa ngumama awayeyiphiwe ngumakhulu wakhe,” watsho uBen. “Nezona zixhasi zamakhandlela azithanda kakhulu.”

“Kunye nendebende endayiwina esikolweni ngokuba ngoyena mfundi obalasele ngokufunda?” wabuza uAshley.

“Ngokuqinisekileyo,” watsho uBen. “Kunye nefoto kaMama nam kunye nawe ngokuya wawuselusana. Uyayithanda loo foto.”

Babeka izinto zohlobo olulodwa ezithandwa nguMama eshelufini ngononophelo. UBen ke ngoko wazigquma ngeshiti phezu kweshelufa ukuze zingabonakali.

UMama wafika ekhaya kwimizuzu embalwa. “Molweni, molweni,” wakhwaza uMama. “Benisenza ntoni nina nobabini?”

“Ngummangaliso,” wayithi qhuzu qhuzu intsini uAshley, “kwaye akuvumelekanga ukubona okungaphaya kweshiti.”

“Ndinovuyo olukhulu,” watsho uMama. “Ndiqinisekile ukuba leyo yinto exabiseke kakhulu.”

“Uyathembisa ukuba akusayi kuyikroba?” wabuza uAshley ngethuba lokuya kulala.

Umama wakhe wamembathisa waze wamphuzisa emanga. “Uyeyona ntombazana yam ndiyithandayo. Ndiyathembisa ukuba andisayi kuphakamisa nekona yeshiti.”

Kwakuza kuqhekeka ukusa xa uAshley wayevuswa yingxolo eyavakala ngoswalakahlala. Watsibela ngaphaya kwebhedhi. UBen noMama babemi kwigumbi lokuphumla, beqwalasele kobo butyobo babuphantsi emgangathweni.

“Yho,” wakhala uBen, “ishelufa iwile edongeni.”

“Yhu-u,” wakhuzisa uAshley, “isipho sikaMama soSuku lukaMama sonakele.”

“Owu-u,” wakhuzisa uMama, “eyona vazi ndiyithanda kakhulu yaphuke yaziingceba.”

Wonke umntu wayedanile. UMama wahlala esofeni wazama ukuba angakhali.

“Siza kucoca apha,” watsho uBen. “Mama, kubhetele ubuyele ebhedini.”

“Ndikunqwenelela uSuku lukaMama olumnandi,” watsho kalusizi uAshley.



UBen walanda umtshayelo wazitshayela zonke iingceba zeyona vazi ithandwa ngumama. Wayekhathazeki kakhulu. “Umakhulu kaMama wampha yona le vazi ngoku nantsi yaphukile.” Wachola-chola loo maqhekeza wawalahla emgqomeni wenkunkuma. “Nathi masiye kulala,” watsho uBen kuAshley. “Alikafiki ixesha lokuvuka.”

UAshley wajonga ishelufa eyayiphantsi. Isipho esinje ukuba sihle. Ngoku babengenanto abanokuyinika uMama wabo akuvuka.

UAshley wakroba phakathi emgqomeni wenkunkuma. Zonke iingceba zevazi kaMama zazilapho. Ingaba mhlawumbi wayengayingciba ngegglu? Wathatha umgqomo wabaleka waya nawo egaraji. Phaya eshelufini kwakukho imbiza enkulu yeglu. Wandlala amaphephandaba esitulweni eside sokusebenzela waze waphokozela umgqomo phantsi. Ezininzi kangako zona iingceba! Wayeza kwazi njani ukuba yeyiphi efanele ukungena ndawoni?

✨ Lisaqhubeka nakwiphepha le-15.

From page 13.

"I see!" she exclaimed. "It's like a jigsaw puzzle. Lots of pieces that fit together. First I'll find all the ones with a straight edge. They must be the rim of the vase. And this big chunk here has a handle on it, so it must be the side. And there should be another handle – ah here it is."

When she had laid out all the pieces in the right order she began to glue them together. It was hard work. The glue stuck to her fingers, and she had to wait for the pieces to dry. It took ages.

At last the vase was finished. It wasn't *exactly* the same as the old one. This one had a funny lump on one side, and the rim was a bit skew, but Ashley knew Mom would hardly see the difference.


Ashley looked out of the window. The neighbour, Mrs Du Toit, was watering her vegetables. Mrs Du Toit was very clever and could make anything. Ashley ran over to the fence. "Please, can you lend me one screw and help me fix a shelf?" she asked, and then she told Mrs Du Toit the whole story.

"Of course," Mrs Du Toit said. "I'll come over at once."

Mom woke up at 9 o'clock. She was still very sad. She found Ashley fast asleep on the sofa, and a sheet covering something on the wall.

"What have you been doing all morning, Ashley?" she asked.

"Surprise!" yelled Ashley. "Happy Mother's Day. Your present is behind the sheet."



Ashley was so proud. Mom's vase wasn't exactly the same, but it still looked lovely on the new blue shelf.

Carefully Mom took the sheet off the wall. There was the blue shelf with the candlesticks, and the photo, and the trophy, and ... MOM'S BEST VASE.

Mom clapped her hands. "You glued it back together!" she exclaimed. "It's as good as new. It's better than new. It's the best present I ever got," she said, giving Ashley a big hug.

Ben also gave Ashley a hug. "You're very clever!" he said. "You've saved Mother's Day."

Liqhubeka lisuka kwiphepha le-14.

"O-o-owu ndiyabona ngoku!" wakhuza. "Yiphazili yamaqhekeza adityaniswayo le. Ngamaqhekeza amaninzi anamathela elinye kwelinye. Ndiza kuqala ndifumanise lawo aneziphelo ezithe tye. Afanele ukuba yimiphetho yevazi. Kanti eli ceba likhulu naku linomqheba, ngoko ke yindawo yayo esecaleni. Mandikhangele omnye umqheba – tyhini nanku."

Wathi akuba ewandlale phantsi onke amaqhekeza ngokulandelelana kwawo, waqalisa ukuwadibanisa ngegglu. Yayingumsebenzi onzima. Iglu yayincamathela eminweni yakhe, futhi kwakufuneka ukuba alinde iingceba zome. Kwachitha ixesha elide oku.

Ekugqibeleni yayigqibekile ivazi. Yayingafani *ncam* naleya indala. Le yayineqhunyana elingaqhelekanga kwelinye icala, kanti nomphetho wawugoswana kancinane, kodwa uAshley wayesazi ukuba uMama wayengazi kubona mahluko.


UAshley wajonga phandle ngefesitile. Wabona ummelwane, uNksk Du Toit, enkcnkceshela imifuno yakhe. UNksk Du Toit wayekrelekrele kakhulu ekwazi ukwenza yonke into. Wabaleka waya ecingweni. "Ungandinceda, undiboleke isikrifu sakho esinye futhi undincedise ukulungisa ishelufa?" wabuza, waze wabalisele uNksk Du Toit lonke ibali.

"Ewe nangoku," watsho uNksk Du Toit. "Ndiyeza kwangoku."

UMama uvuke ngentsimbi ye-9. Wayeseluzizi. Wabona uAshley elele yoyi esofeni, kodwa kwakukho into eyayigqume okuthile edongeni.

"Ubusenza ntoni intsasa le yonke, Ashley? wabuza.

"Ummangaliso!" wakhwaza uAshley. "Yonwabela uSuku lukaMama. Isipho sakho singaphaya kweshiti."



NoBen wabamba kakhulu uAshley wamanga. "Ukrelekrele ngokugqithisileyo!" watsho. "Ulusindisile uSuku lukaMama."

UAshley wayenegugu kangako naye. Ivazi kaMama yayingeyiyo ncam, kodwa yayibukeka intle phezu kweshelufa eblowu entsha.

Ngokuqaphela uMama wasusa ishiti ngasedongeni. Kwakukho ishelufa eblowu nezixhasi zamakhandlela, ifoto, nendebe, kananjalo ... EYONA VAZI ITHANDWA NGUMAMA.

UMama waqhamba izandla zakhe. "Uyilungise ngegglu yadibana!" wakhuza. "Intle ngokungathi intsha. Phofu intle ngaphezu kwentsha. Sesona sipho sihle ndakhe ndasifumana," watsho esanga uAshley kangangoko.

Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Can you imagine where these Nal'ibali characters got caught reading? In each block, draw the place where you think the children are reading.

Ungakwazi ukucingela ukuba aba balinganiswa bakwaNal'ibali babhaqwe phi befunda? Kwibhloko nganye, zoba indawo ocinga ukuba bafunda kuyo abantwana.



1.



2.



3.



4.



Looking for audio stories for your children? Visit www.nalibali.mobi and go to the "Audio stories & downloads" section for audio stories in different languages to play on your cellphone!



Visit us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
 Sindwendwele kwikhasi lethu likaFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Ingaba ukhangela amabali aphulaphulwayo alungele abantwana bakho? Ndwendwela ku-www.nalibali.mobi uze uye kwicandelo elithi "Audio stories & downloads" ukuze ufumane khona amabali aphulaphulwayo abhalwe ngeelwimi ezahlukeneyo, uwadlale kwiselula yakho!

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SW **Sunday World**

 Drive your imagination